isiXhosa

Izandla Ezincinci

Izandla Ezincinci

Uphi uTata?

Nal'ibali
Konke kuqala ngebali...

PRAESA

STORIES ACROSS AFRICA

Le ncwadi yeka

IStories Across Africa (StAAF) yayiyiprojekthi engundoqo ye-AU African Academy of Languages (ACALAN), elungelelaniswe ngabeProject for the Study of Alternative Education in South Africa (PRAESA).

IStAAf ibulela inkxaso-mali eyifumana kwiFord Foundation neSebe lezeMfundo lase-Austria.

Yaqala ukupapashwa ngabakwaPRAESA ngowama-2002

Ushicilelo lwesibini lwapapashwa ngabakwaNew Afrika Books ngowama-2007

© PRAESA, Suite 17-201, Building 17, Waverley Business Park, Wyecroft Road, Mowbray, 7700, Cape Town, South Africa

Onke amalungelo agoqiwe. Akukho nxalenye yolu papasho inokuphinda ishicilelwe, igcinwe koovimba okanye isasazwe ngalo naluphi na uhlobo okanye ngayo nayiphi na indlela ngaphandle kwemvume ebhaliweyo evela kwabakwaPRAESA.

ISBN: 978-1-86928-647-7

Ukuyilwa kokuqala: Reviva Schermbrucker

Ulungelelwaniso: Magenta Media

Abahleli: Xolisa Guzula noNtombizanele Nkence

Nal'ibali

Konke kuqala ngebali...

UNal'ibali liphulo lesizwe lokufundela ukuzonwabisa elijoliswe ekuvuseleleni umdla ebantwaneni ngokubabalisela amabali kunye nokubafundela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe ndwendwela u-**www.nalibali.org** okanye u-**www.nalibali.mobi**

PRAESA

Uphi uTata?

Ibali: Xolisa Guzula
Imfanekiso: Mandi Mbude

“Mama, ndifuna utata
mna. Uyephi? Mhlawumbi
usekamereni Mama.”

“Hamba uye kumkhangela,”
atsho uMama.

UTata akekho phaya!

“Ingaba mhlawumbi usekhitshini Mama?”

“Hamba uye kumkhangela,” atsho uMama.



UTata akekho phaya!

“Ingaba mhlawumbi usegumbini lokuphumla Mama?”

“Hamba uye kumkhangela,” atsho uMama.



UTata akekho phaya!

“Mama, ndifuna utata mna!
Uyephi?

Ingaba mhlawumbi usegaraji, Mama?
Ndiyoyika! Kumnyama phaya.”

“Nanku uTata wam!”